

# Imvo Zabantsundu

(NATIVE OPINION)

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

IXABISO 3d.]  
KINGWILLIAMSTOWN ADVERTISEMENTS.

KING WILLIAMS TOWN, NGOLWESI-NE, OCTOBER 2. 1890.  
EKA GRAY

[No. 307  
KING WILLIAMSTOWN ADVERTISEMENTS.

## IXESHA LO MCHEBO!

### Beauchamp Booth & Co.

(EBIYEKA J. J. IRVINE & CO.)

Eyona venkile yengubo ezilungileyo, nezitshipu edolopini apa.

Ihempe zamadoda ezinamaqosha e perile 1/6 inye.  
Ibhulukwe ze stofu 3/, 5/ inye.  
Ibhatyi zamadoda 5/, 6/9 inye.  
Ibhatyi ze twidi emnyama 15/, 18/6 inye.  
Ibhulukwe ze kodi egwangqa ezilungileyo 7/6 inye.  
Iminqwazi yamadoda eyi Soft felt 1/9, 2 umnye.  
Ityali zoboya 5/, 6/, 7, 8/ inye.  
„ „ ezilunge kwayekwa 10/, 12/6, 15', 18/, 20/inye-  
Iprinti (ezimabala), i pattern 6d., 7M., 9d. iyadi.  
I Winzi zohlobo 6d. ngeyadi.  
Ikeleko 2M., 3d., 4d., 5d., 6d. ngeyadi. ' .

Ilokwe Zokutshata, Iminqwazi Yoku-  
tshata, YONKE Impahla Yoku-  
tshata.

## BEAUCHAMP, BOOTH & CO.

E-QONCE, KING WILLIAMS TOWN.

## Inyama ne Zonka.

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

### BOURKE no MARSH,

E Nyutawini nakwisitalato esipambi  
kwe ofisi ngase mcautcatweni.

GRAHAM'S TOWN ADVERTISEMENTS.

### BON MARCHE

[Apo Kutengiswa impahla entle ngamanani  
angemakulu],

E-GRAHAM'S TOWN.

Saneke Ityali ezitshipu kanye, ifishini ezona zintsha, ziqala kwi 3/- inye Ikaliiko  
Emhlope ne Brown, iqala 2/d- yd.  
Amicako etungelwa kwi Blanket, iqala. 4/d. yd.  
Ezona Ntlobo zintsha ze Print, 3d., 4/d., ne 6d. yd.  
Iqiya ze Keshemiya. Ezimnyama nezamanye amabala 11- inye.  
Iblanket zoboya ziqala 51- inye.  
Amabhayi 21- ilinye; i Cotton Sheets 1/6 inye.

### YONKE IMPAHLA YABATSHAKAZI!

I Dress zenziwa apa, ngezona ndlela zigqitiseleyo, yi Ledi esand'  
ukuvela e-England.

INGUBO ZAMADODA.

IBHULUKWE ZE KODI, ziqala 5s. inye.  
IBHATYI ZE KODI, ziqala 10s. inye.  
IBHULUKWE ZE STOFU (Tweed), ziqala 5s. lid. inye.  
IBHATYI ZE STOFU, ziqala 6s. inye.  
ISUTI Emhlayo umfana ifishini ent&ha, 21s.  
IHEMPE, Is. inye.

Oze kutenga apa ngokwalatiswa yi " Mvo " maze akuxele oko. Ukuba utenge  
ngexabiso eligqite kvji ponti enye uyakubuye ayinikwe ishelen ngeponti nganye.

## JOHN W. BAYES & CO.

Kwi Kona ye Bathurst Street ne Church Square,

## GRAHAM'S TOWN.

incindi Epitikeziweyo

LINSEED ne

### HOHEHOUND,

Lelona Yeza le NKOHLOKOHOLO  
INGQELE, nazo zonke Izikuhlane zo  
MQALA ne MIPUNGA

1/8 NGBHOTILE.

2/- LITUNYELWA NGE POSI

Ngamanani Nanganye kwa

P. GRAY, Chemist and Druggist,

CAMBRIDGE ROAD,

KING WILLIAMS TOWN<sup>1</sup>.

### IMIBI KO.

ZAZELA.—Knhubhe e Tyinira nge 16th  
September, 1890, ngo 2 o'clock, pombi  
kwenkuku zokuqala, u ELIZABETH XALA  
ZAZELA, Intombi yake enkulu. Izihlobo  
mazamkele lombiko—"Upumle." 3t910

ABALAHLEKELWEYO.  
UMKHOSI WAMAHASHE.

KULAHLEKE e Dutywa, ngo September 10,  
1890,

1. Imazi egwangqakazi ; enekolo enkulu  
ebunzi ; upawu, iyoqwe kwindlebe yase kohlo ;  
inamacoko amhlope emzimbeni.

2. Inkunzi engwevu emdaka; itshoba  
limhlope encamini; nbuso bungwevumhlope,  
angati umntu xa akude bumhlope; liqoqiwe  
kwakwindlebe yokohlo. Iminyaka yalo mitatu  
likowesine ngoku.

Olandisayo wobhalela ku Peter Qvrela,  
Pirie, Kingwillamstown.

2t910

### Ikaya Labentsundu,

KIMBE RLE Y.

NDIYAWAZISA umzi wakowetu ose Koloni,  
Natal, nase Transvaal okoku. ba sivule "   
IKAYA LABANTSUNDU " e Malay Camp,  
Rose Street. Umntu unokuxoswa ngazo zonke  
izinto. Abahambi banokuncediswa nange Pass.  
JAMES QWABE,

Proprietor. Kimberley,  
27th September, 1890. t2711

### EZINGEFUNDO.

St. Matthew's — Keiskama Hoek.

UTITSHALA ONE SATIFIKITI ufunwa  
kwangoka ukuwuqala umsebenzi ngo 1  
October, ukutabata INDAWO YESIBINI kwi  
Sikolo Sododana. Makabe lilungu le Church of  
England.

Ababhalayo ngalendawo mababalule no-  
budala nengxelo ngesimilo babhekise ku  
CHARLES TABERER, Principal.  
September 13, 1890.

2t210

IPONTI iyakunikwa u Hans MESSRS ukuba  
uya kubuyisela kwa Messrs. A. J. CROSS and  
Co., kwibala le Marike, Kingwillamstown,  
ISEYILE eyalayishwa enqwelweni yake  
ngemposiso. 2t910 F.  
MOOLMAN.

### CH. FRIEDRICHS,

(YEMA NGO 1858),

UHLALA ENAYO ININZI  
Impahla Etengisayo,

ENJENGO

Ziswekile-kofu, njalo-njalo, Impahla  
Yendlu, Ingubo, U buqelegele, Eye gilasi,  
Into zoKudlala intsapo, njalo-njalo.

IMBEWU zikalu SUTTON zezityalo  
Zegadi.

### Umnyhadhala we Ebola.

LOMDLALO umiselwe i Holina to Krismesi  
ne Nibidyala (1890.9 Imizi evumileyo  
neyakudlala yile 1 Port Elizabeth, 2. King  
Williamstown, 3 Kimberley and 4.  
Grahamstown. Ku sanjwa ukuqalwa ngo  
December 36 or 27.

G. W. GAWLER,  
Chairman Committee.

Pert Elisabeth,  
September 22-

IVENKILE YASE BANKIEFS  
e Glen Grey, inayo ngokuyonke  
into eti ifunwe ngabatenga kuyo  
abantsundu. Irola awona  
maxabiso  
apakamileyo ngento eziveliswa  
lilizwe UKUTYA, UBOYA,  
IZIKUMBA.

B. HARTLEY.

4t210

## DYER & DYER

EQONCE, KING WILLIAMS TOWN. Bafikelwa vinto eninzi

### INGUBO

## EZINTSHA, ZABANTSUNDU

KANYE, (Ngo Stemele bonke).

### QONDANI:—Zitshipu Ngakumbl.

Ihempe zamadoda zokusebenza ziqalela kwi Is.

Ihempe zamadoda zangapantsi ziqalela kwi Is. 3d. Isuti zezitofu

ezinzinzwa ziqalela kwi 17s. 6d.

Ibhatyi zezitofu ezinzinzwa ziqalela kwi 9s. Ibhulukwe zezitofu

ezinzinzwa ziqalela kwi Is. londulubhatyi zekodi ZITSHIPU 2s. 9d.

Ezamadoda Ibhatyi Zokwaleka Ezinzinzwa 8/-.

„ I-Ondulubhatyi ze-Lakani, 16.

„ I-Bhulukwe „ 2/-.

„ I-Bhatyi „ 2 - and 3/6.

### Isuti, Ibhatyi, ne Bhulukwe ze Diagonal Emnyama.

### Isuti Zokutshata zipelele 38/6.

### Iminqwazi emitsha, Izihlangu, Ibhatyi Ezinkulu, Amaqbina, Izikafu, Ika- Jala, Iblankete Nezibbalala, njalo- njalo.

### londulubhatyi zezitofu 1/6.

### Idyasi zemvula 8/6.

### Ibhulukwe Eziluhlaza 2/.

## DYER NO DYER,

KING WILLIAMS TOWN.

### UFUNA

UFUNA elona xabiso lilungileyo nge NQHOLOWA, UMBONA,  
AMAZIMBA, nokuba ZITAPI-

LE

UFUNA IMBEWU ELUNGILEYO yokuhlwayela.

UFUNA owona MGUBO, nokuba zinkozo ezilungileyo zokutya.

UFUNA IMPAHLA yako ngentengiso nokutenga e Marikeni

### TUMELA okanye UYE

## GILBERT BOX AND SON, MARKET SQUARE, KING WILLIAMS TOWN.

TRANSKEI ADVERTISEMENTS.

## BATSUNDU! BANTSUNDU!

### U GRUBB wase GCUWA

UYANI-BHOTISA.

KE ngoko abati ufudukile bano lwimi. Abatandabuzavo mabeze kuzibonela ngawabo amehlo.

Abanemilanga mabeze kunyangwa ngomchiza wake, bayakavuyiswa kukumbona. Lingani amayeza ake  
enikuhlane zonke—Ayazeka.

### MABUPELE BUNCOKO.

Kanize nje, nizekabona impahla ha GRUBB. Ilokwe zokutshata i Ready Made nezi. ) yimicako.  
Ilokwe zokutshintsha—i Printi, i Kaliko, i Zihlangu (ezizitende zic'opileyo) intlotyana zonke zempahla  
yokutshata, nezokunxiba nje kodwa.

Eyamadoda— Onzonza, ne Bhatyi, i Suti, i Hempe, i Minqwazi, i Bhatyi zokwaleka Nentlobo  
zonke ze ngubo zamadoda (ezo kutshata. nokuhomba)

I Kofu, i Swekile, i Ti, ne nto yonke. Kwanempahla yabu Bhexeshi.

ELOKUQOSHELIBA.—Ungawalibali amayeza ake, aselenqhiniwe ukuba angawo.

### W. E. GRUBB,

st21U BUTTERWORTH.

## GIBBERD & BRYANT.

BADWELISE

IMPAHLA ENTSHA!

IPRINTI EZINTSHA  
IZITOFU ZELOKWE EZITSHA.  
ITYALI! ITYALI!!

EZE 4/- ITYALI EZE 4/-

EZONA ZILUNGILEYO E QONCE.

ETYALI ZE KESHEMIYA, Amabalana onke.  
IZIHLANGU NE SHUZI EZINTSHA.  
INGUBO EZINTSHA.

## GIBBERD & BRYANT,

QUEEN'S TOWN ADVERTISEMENTS.

## CHUDLEIGH BROS.

QUEENSTOWN,

X' UFUNA

YONKE IMPAHLA YAMALEDI YOKUNXIBA.  
YONKE IMPAHLA YAMADODA YOKUNXIBA

*Yiyona ndla izigqita zonke e Komani ngokulunga kwabafuna ukutenga IZIHLANG U.*

KWANGOKUNJALO § UKUSIK A § INGUBO.

*Bona Bayindlu Yengubo Zama-Nkazana nezama Doda, neye Zihlangu ngokufezekileyo kweli lase Ma-Xhoseni.*

Ningabalibali xa niye e KOMANI CHUDLEIGH BROTHERS.

ISICELO:—Abatanga kwi Venkile ezineaziso kwi Mvo baboyi xela lonto kubanini Venkile.

## PEACOCK BROS. NO WEIR,

ZE

NGABATENGI abakulu Bokutya, benika awona Manani alungileyo. E Komani apa wakuke uyekuva into abayi kupayo pambi kobuba utengise nokuba kupina.

labile, Ezinkozo, Inqholowa, Irasi, Imbotyi, Lertyis, Umbona, Amazi- mba, bablele benawo.

TRANSKEI ADVERTISEMENTS.

## UBOYA! UBOYA!

F. SMALE, kwa Mpuluse,  
(Apo ibingu W. FENNELL).

NJENGOKITBA ixesha loboya lisondele u F. SMALE wazisa abatanga kwi venkile yake, nabo bonke Phešheya kwe Nciba ukuba uyakurola awona maxabiso apezulu ngoboya, kwanangazo zonke izinto eziveliswa ngaba Ntsundu.

## INKOMO! INKOMO!

EZITENGISAYO.

UHLELI enento eninzi ye Mazi, Amatokazi, Amatole, njalo njalo, angazinyulelayo umntu TSHIPU.

F. SMALE, kwa Mpuluse.

## QUEEN'S TOWN ADVERTISEMENTS. PRICE BROTHERS, I-ARENTE EMTETWENI, QUEENSTOWN.

Batetela abanamatyala pambj kwe Mantyi, Kumandla wakwa Komani wonke nemele wona.

*Baqaba Imicimbi enge Mhlaba; Babhala Nemvumelano.*

Umsebenzi bawenza ngenyameko ngamaxabiso emfanelo kupela.

LADY FRERE ADVERTISEMENTS,

## J.W GARRETT

IZITORA EZITSHIPU

Ingubo Zamaledi, Iswekile Nekofu, nento zalowomkondo, Izihlangu, Ingubo Zamadoda, Isali nempahla yalowomkondo, Ubugoxo bento ezifunwa nangumzi Obomvu.

*Kunikwa amaxabiso angapezulu ngo BOYA, IZIKUMBU, UKUTYA, ne MPAHLA EHAMBAYO.*

Ololiwe ba-Komkulu—base Mpumalanga.

E MOMTI.

Umboniso Woboya ne Mveliso, November 20 ne 21.  
Imidlalo, November 21, Imidlalo kwakona,  
November, 22.

ITIKITI ze First, Second, ne Third Classes, zokuya nokubnya ngamaxabiso atotyweyo ziya kunikwa ukuya e Monti, nkuuka e Aliwal North nezinye izitishi ukuza e Peulton ngo November 17, 18, 19, 20, ne 21; nokusuka e Qonce nezinye izitishi ngo November 19, 20, 21, 22 ukuya e Monti, ekunokugodukwa ngazo de kube ngo 30 November.

Ingxelo ezelayo ngamaxabiso okuhamba inokufunyanwa kwizalatiso ezincanyatsetse ezitishini. T. R. PRICE, Umpatiswa.

East London, September, 1890.

t2011

Iveki.

## Kutengiswa

## Tshipu: ONGXAWU

ABA 2,000,

Kuqalela kwabancinane (1 gallon),

Kuse Kwabakulu (50 gallons).

Inkoliso inendawandawana, ngoko zitengiswa

NGEHALAFU IEXABISO LAZO, (zitshipu).

YIZA KUBONA.

W. O. CARTER & CO.  
Kingwilliamstown.

Kwi Waggon-Makers Ezintsundu.

ABELTSHISHINI ababhalele kogama lingezantsi banokufumana umsebenzi ote-qo, kwanomvuzo olungileyo. Mabangadendi kuba kuko indawo ezintatu esezivulekele abasebenzi.

S. D. SNOOKE.

St Mark's 28 May, 1890.—tcddd

Kubo Bonke Abalesa Imo.”

qtSOIO

Bangaba banceda kwa Ipepa lendaba labo abantu bakowetu ukuti, xa basukuba benento abafuna ukuzitenga, bavelele, ngangoko banako, kuzo zonke indawo, venkile ezimpahla ihlokonyiswe ngezaziso kwi “Mvo.” Kungalungelo nakubo bengayifihlanga tonto kubanini venkile.

OBHALA ekwelase Nqabara uti, lilanga into enkulu apa e Nqabara; Dgapaya koko bnbininzi beminenga.

SIVA ukuba ngenxa yokuba singafumani kuxhaswa kakuhle ngentsapo isikula sika Rulmeni esise Rini sokufundisa intsapo ukulima okulungileyo, siyavalwa.

NGAPA ngase Gamtoos River kumandla we Titiara kuxelwa ezexego lo Mxhosa elizibulele ngokuzixhoma exhantini. Imbangi ayaziwa.

U RULUMENI wase Natal usazimisele ukungenisa ama India kwelo. Kusand' - ukubhalwa ikoutileki yokuwapututua eyakuba minyaka mitatu.

“ APA kowetu,” utsho um'bhaleni ose Matatiele, “ libalele asiyiboni imvula. Asazi ukuba kutenina.”

BEKE koyikelwa ukuba kungako indlala kwelase Ireland nonyaka ngenxa yokungalungi kwetapile, into eknipilwe ngayo. U Rulumeni ufumene ukuba Ziko indawo ezilungileyo kuzo, nakwakuba sonakeleyo kanye kwezinye.

NJENGOKUBA i Ruloneli isingwe kwelilunge ne Zambesi, isihlalo sayo sibajwe ngu General W. B. Cameron.

INCWADI esand' ukushicilelwa yemicimbi yolaulo ngeloxesha ibonisa ukuba ukuya kuka Mr. Hofmeyr, e Pretoria kwakuse kuko ukungavisisani pakati kom'buso we Nkosazana nowama Bhulu okukulu kangangokuba i Ruloneli ikupe icebo lokuba kutunyelwe umkosi e Transvaal ukuyinyanzela kwindawo ezitile.

Imvo Zabantsundu

NGOLWESI-NE, OCT. 2, 1890.

IMYUZO E RAUTHI.

AMANENE angabemi be-golide kwelipezulu avumele- ne kwelokuba incitshiswe imivuzo yabasebenzi abamnyama— itotywe kwi £5 ukuba ibe yi £2 ngenyanga. Kutiwa ixabiso elifunyanwa ngabasebenzi ngoku li £75,000. Lomali ke kutiwa igqitile kwinto eyimfanelo. Kakade asivumelau ni nalo yenziwayo zi Komponi zase Rautini. Nokuba siyivelela ngakw'icala lemfanelo yazo asiboni nto singayincomavo. Iyabonakala indawo yokuba kuko iponti ezingamaxabiso ezingasakupuma ezingxoweni zamabuto e Komponi ngenyanga, kodwa iyintonina lonto yakutelekiswa neyokuba abamnyama namhla bongasakuwusa 'so umsebenzi ? Kumzuzu kusitiwa u Kafile uya wumangala umsebenzi, abade abase Natal baputuma ama Kula, ababa sazikatalela nengozi angati alike nazo ezinjenge zifo ezibhubhisayo zalomazwe atatyatwa kuwo—angati afike nazo. Ubeqala ke oweli ukuzibonisa i Komponi into angayenzayo xa etsalwe yinto ebanga abantu bonke ukuba basebenze—imali ete phuthu. Namhla isapulwa nje imali oweli umntu uya kuxolela ukuhlala emzini wake, baze ke banqabe abasebenzi. Iluncedo kuye wonke into yokuba amawetu angene abe ngabaxelengi; ngokuti kungasweleki mali pakati komzi, waye umntu wakowetu akuba nemali engayibambi efika atenge kunene impahla eugena kweli ivela kwamanye amazwe — impahla ke leyo erafelwayo emazibukweni onke kengoku kubanjalo ke kubanga ukuba irafu zakomkulu esibutwa kulomazibuko zibe ninzi, into ke leyo ebanga ukuba kuguzulwe irafu ngu Rulumeni ezinjenge beziya kuhlulwa zi Komponi, xa zibe zingenele ezibutwa emazibukweni. Ibe ipina ke into ezizincede ngayo i Komponi xa kuyakuti ngokuncipa kwe Rafu ezibutwa emazibukweni, kuba engasenamali yakutenga impahla u Kafile, kuyiwe kurafiswa kwazona. Lento yenziwayo ayigqitile kubulumko bokudlisainja elambileyo umsila wayo. Mayelana necala lamawetu, ukuvuleka kwemisebenzi enjenge Dawnani ne Golide, bekuluncedo, kuzo bengokuba lituba elihle ukuba izizwe zakowetu ziziqeqeshela ekusebenzeni, zibe nento eziyingenisayo njengezinye izizwe, kanti kukuba ngabantu kwazo. Ukuponongwa kwemivuzo ngoluhlobo lwenziwayo kuya kubhubhisa lomatenjana, ebesingavuya abantu abamhlope beli bengalikutazanga elicebo.

GLEN- GREY. — Um'bhaleni olapa uti, “ tina apa abafana abebekade bekhama inkuku zabantu basenkohlani, kuba ite imantyi xa ibe isamkela amagama ezicelo zabafuna ucando, ati esati tu umfana iti hayi kaubuye uzava.

**Impawana.**

KOBE kuhlange e Qonce ngayo leveki ipilelye i Komiti yendlu etile yama Temple, yaye pakati kwenzito ebekungazo imelwe kuvela amacebo abaya kubamba wona abelibandla ngolunyulo lwendlu Yengwevu luzakubako. Isigqibo sibe sesokuba kubhekiswe kuwo onke ama Temple ukuba angatembisi kuvotela bani ade abe alufumene uluvo lwamadoda apambi komzi ngokupatelele ekuncipiseni indywala ezipaleleyo pakati komzi

UNDULUKE ngo-Mvulo Umhlekazi Irluneli esiya kwelama Beshwana neselendeneni welakwa Mzilikazi, waye ebeselandwa we yi Nkulu-yo-M'buso u Hon. Cecil Rhodes. Ngati bayakuba nyangambini bengoko kweli. Ngelituba bangokovo indawo ye Nkulu-M'buso iyakupatwa ngu Hon. J. W. Sauer. Imicimbi yemihlaba nemisebenzi y- kwaka yakomkulu upumle kuyo kanye wayinikela ku Hon. J. Sivewright—ote wamiselwa kulondawo ngolwesi-Tatu lweveki egqitileyo.

KUTE esagcinwe e Kapa amadoda abe-senziwa amakoboka, selide yemka inqanawa abesabe kuyo, kuhlilwe enye yawo yingqakaqa, ufun' ukuti ubhekabheke wonke umzi, usiti singasuka sande eso sifo soyikekayo. Abehle lamadodaoshumi linane asiwa kwifama ekunyangelwa kuyo ingqakaqa, agcinwe nxam lawo selenayo. Yonke imigudu ukunganda ukuba ingandi uyayenza u Bulumeni. Kwangoku akubonakali ukuba umzi unendawo ongahlala esitukutezini ngayo.

NGEZIMINI sibonayo ukuba udodana indyarele ukutshata lungakanga zindlu jidululiseleyo kumapompe, eliti ukuba liqatwe ngekalika ade wenze into umninilo, (ngoku kodwa e Ngqushwa), kuyakuba yinkutazo kwabaninzi ukuya ukuba kumandla wakwa Tuku sifike indodana abati ngu Mfenake elinga ukumisa uxande. Lulolokuqala (singalubali olomfundisi) ngayo apo kwa Tuku, ekungaba yinto elungileyo lungabanga lolokugqibela. Inqushwa iza kade ekwakweni izindlu ezizizo, ekufuneka bonke abanako behhexeshe kumase zade zaneli izindlu. Okwangoku umzi wonke uhleli emapempeni ngokungati unii ngenyawo uyafuduka.

SELENDULUKILE U Sir J. A. de Wet e Pretoria ukusiga e Somerset East uku-qonda ukuba kungamnikana impilo lukupumla inyanga ezintatu. Impilo yake lomunwana ayimniki konwaba, kuba yiyo ekwativa ngu Sir Gordon Sprigg ekupumeni kwibuto labo elalipatiswe Um'buso iyimbangi yokupuma kwake, ekute ke Kwakutiwa uya e Pretoria kwasemsebenzini akwabonakala ukuba uya kutinina ukufumana impilo kumsebenzi wenye i-ofisi ibiselimlahlekile nje kwi-ofisi abekuyo kakadani. Akubonakali kwakona ukuba unokuncedwa kupumla inyanga ezintatu, kanti unyaka oko wayepatiswe abantsundu aumncedwa. Sobona, saye simnqwe-nelela imphilo.

KUYASIVUYISA ukubona ukuba um'buso wase Amerika uhleli unemigudu ebonakalayo oyenzayo ukunyusa ama Afrika akwelo. Kweziveki zigqitileyo esike sabeka pambi komzi izinto ezenzek ngokwawo umzi oma Afrika ase Amerika. Kweinqaku sivakalisa into aye-nzelwa ngum'buso wakona. Um'buso ungenisa kwi Bandla elikisa imiteto (Senate) umteto omisa izikolo zokugqeqeshela emisebenzini yobugcisa bezandla nokwofunela ama Afrika um'blaba, ongati ukuqala awu-rentele ukuze emzuzwini atengiselwe. Ukufeza ezindawe kudalwe i Bhodi eziyakupatiswa £200,000 Umoja elipuma kuwo elicebo ungoncomekayo; saye sigimsekile ukuba ingati imfeto em' balwa eputna kum' phunga onjengalo ike yemiswa yi Palamente yakowetu e Kapa, ukuncedisa ukubhululwa amawetu, ungabehli lomzi singuwo ube 'ntoyimbi pakati kwezizwe ngokufaneleka.

IPEPA elivi *Cape Times* lase Kapa inecapaza elilenzayo ngesipititi esisibe sikho pakati konyana baka Moletsane e Lusutu. Liti, sakubona ukuba sibe sincoma umoya omhle ka Sir Marshall Clarke opete elo sisisi ezipitipiti wozazela yena indlela emazipatwe ngayo,—i *Cape Times* iti iyayazi into efunwa zi Mvo, ayinto yimbi ngapandle kwento apa edla ngokuphelela kwingxokozelo estraten eti igqitywe " ngesheleni ezintatu okanye ivekti." Into eyayitwa sit kukuba siyamazi u Sir Marshall ukuba akasakuyipata lengxokozelo njengoko ngati kiliwe umzi upela wa Besutu afume ukulwa nenkosi zonke. Say sibangwa kukuba bengaswelekele abapati abati kwakubako ingxokozelo engenwe zinkosana ezimbini isicibonakala imele ukupendulelwa ngumzi wonke. Aka njalo u Sir Marshall Clarke, simtanda ngelotuba.

AMAWETU angama Ntinde amek Ingqoko mawetise abafana banga pokeli; akusakulunga nto. Sitsho kubi ngoratyzazo lo Mgqibelo ogqitileyo I Mr. Tengo-Jabavu, evela kwi Rodi eIngase Tyolomnqa kwintlanganisio ebikangela ukupangwa komhlaba wempi ebonvu yakona, abone xa acauda kule lali ka Sheshegu, ngamadodana amabin abomvu azite wambu ngengawo selem wela ngentonga, yasimclela ngomnqav enye kunene engalweni yokunene; be kubonakala ikuba angahlanganisi Ipepa ihashe ibe mayithso entloko iposi. enzelani. Kute, noko baneleyo abanti akwabiko uke wawasa 'so amabhenu bhentsu alamadodana. Egqitile apo ugqite kwisitatut samanye amadodant abone ngenye seyimkumbula, ibehl incame. Engena esixekweni ugityiselw ngentonga yenye kwinto ezimbini. akubuzwa zasuka zasoma isi Lawu. Ixesha lokuhlwa ko Mgqibelo emapandlen alledolop luzipawule ngeziziganeko luhlalel' ukuba nezibongobongo. Bayanaba bazenza izipompotela bengasaku lungelwa, kuba bezakuti abahamt bahlale begusho ipistoli, abayakuti besa qayisa ngentonga ezinde botuke nge mbumbulu sezityalwa kweyabo imizimba. Intlalo iyakubambi ke ngesi zatu. Kufuneka ukuba u Sheshegu isibonda salama Ntinde siyibeke pambi komzi into yokubhabela kolutsha, ite tiswe.

INDABA ezimbi zokutwasa kweveki egqitileyo zibe zezokwasa kwa Banki eyi Cape of Good Hope, esigxina sise Kapa, yaye inamashebe akwezinye indawo. Itshona nemali zabo bebebeka kuyo, abasuluzizini ke namhla. Esi shelelegu sihla kwakubon' ukuba kwangazo eziveki zigqitileyo kube kutshone enye ekutiwa yi Union Bank kwangase Kapa, nayo yaye ibange inxwaleko ezinkulu kwabebenemali zabo kuyo. Ukubonisa umonakalo okoyo singakankanya ukuba ute u Bishop wase Kapa ebeshumayela e Rondebosch nge Sabata engapaya wavakalisa into ebage usizi olukulu kubaxasi ke Ramente— ukuba yonke imali exasa abafundisi abapantsi kwake eku £25,000 ibiginwe kuyelo Banki ye Cape of Good Hope. Ngenxa yokutshona kwayo ke ute wasezintukutezini ezibange ukuba angabinako nokulugiselela intshumayelo.

SINCOMA umhlobo wetu u Mr. Innes, Umqondisi-Mteto, ngemigudu ayenze e Kapa ukukulula abantu abamnyama abango Masbhkile abebesenziwa amakoboka ngama Putukezi. Iqela lababantu lifika ngenqawayo eyi *Itei de Portugal* e Kapa, batika bazimele abanye baxele kubapatiswa bu Rulumeni ukuba benziwa amakoboka. Aselesuka umfo ka Innes opete ukuhambisa isiko, engatsho ukuti ngo Masbhkile akangezikatazi. Ushukumise Amatyalu Amakulu ukuba abaknlule bonke ababantu. Ngokutsho kwabanini nqanawa ababantu banyanzelwa ngomteto wama Putukezi wemfazwe ukuba bayokunceda ulutlo kumaalaaesamtla entshonlanga kwase Afrika. Ateखा apo Amatyalu Amakulu, ati hlaz' ibe baqutywa ngomteto wonyanzelo ngexa lemfazwe ezinawo nezinye izizwe, asibubo ubukoboka. Atika ati ke awasakukupu gunya lokuba kukululwe abase nqanaweni, eye engasakuba nyanzela ukuba babuyele abazimeleyo.

U MR. JOHN SAMUEL, obengumhloli zikolo wakomkulu ngaleminyaka igqitileyo, uwe kukufa emsebenzini ngo 25 September, xa abese Kimberley. Ubengumfo owaye dume ngobugcisa ekutisheni oko ebesapete umsebenzi waye eze ngawo kweli ngo 18GO, waman' ukubamba indawo ezipambili kuwo, ade wamiselwa ukuba ngumhloli. Ute akumiselwa kubuhloli-zikolo akwabiko kuririza kunjengokwabakoyo, kwaye kuseko, ngokumiselwa kwa Mr. Crawshaw. U Mr. Samuel utabate indawo ka Mr. Emilie S. Rolland, M.A. Njengokuba kunokutiwa ikaya lake ibingumandla lowo wonke abewuhambela ngomsebenzi wake. ezokufa kwake ziyakubanga ubazi kwindawo ezininzi; eliyakuba linetamsanqa isidla lemifundo libuye lafumana olunge nonyanisa njengaye esikundleni sake. Ubengumntu umpilo intle kwasekufikeni kwake, ade namahlwa wemka sisifo esibe sidla ngokumkataza sempunga.

**ELUSUTU.**

Ebhala e Morija, ngo 25 Sept., 1890. Umhlobo wetu olapa uti: — Sinosizi ngenxa yesisimo sikulo elilizwe lase Lusutu kwezimini. Sikumbula umbulelo ka Ruluneli malunga nokuzipata kwa Besutu, nokululekana kwabo ngokubona kwake, oko ebelihambele eli lizwe. Ukuncema kwake impatano vezimkosi zazawetu, yasivuyisa ngokungapazulu leyonto. Ngo 22 ka Sept., bekuyimini yokohlwaywa konyana baka Moletsane ngenxa yokwapula umteto wenzolawze.

Kwimida engakwa Molapo, unyana ka Moshweshwe, ebesilwa ngale cawa igqitileyo. Kulwa inkosi u Joele no nkosi u Matela. Yaqubisana ekaya kwa Matela. Siva kusiwa iqubisene ekaya bada abakwa Matela bangena elutangweni; ite ngokufunzela kwabakwa Joele bapuma elutangweni babahlangabeza, yabafunzela eyakwa Joele yahlangana nyabimkoto nemipu kwalutsaka, siva ukuba ngakwelakwa Matela icala abatileyo bati. Asikulo nokudana ngesi senzo; nkosi yam ndibhala ngohungxamo obukulu, ziyafika ezindaba ne posi iyahamba.

*UNYULO LWESDLU YENGWEYU.*

Umandla elipakati kwawo i Bhofolo uyakuvuya ukuya ukuba u Sir Henry Stockenström, wase Nyara, ugqibe kwelokuba angene kmnyhadala wonyulo kulowo mandla ouka nama Somerset nama Cradock nama Cölesberg. Besekungati kuyakuvelela abe-andla lama Bhulu bodwa. U Mr. T. Piewman wase Cölesberg ngati naye upakati: baye bevakuba natmadoda amabini ke abangengabo abe Mbumba ya Mahulu. Kambe umntu emnye unevoti ezintatu angazinika atandayo. Bekungayinto entle amawetu akwesisituba ete awa evuka no Sir Henry no Mr. Piewman.

*IZAZISO ZOM'BUSO.*

Umzi uyakuyiva ngemivuyo into yokubasibe nokulugiselela ukuba izaziso zakwa Rulumeni zendawo zonke i ezimelwe ngabantsundu ezibhekiswa ' nakumawetu zingene kwi Mvo. Siyatamba ukuba oku kuyakongezelela ixabiso lelipela pakati komzi, kubange ' amagogoty abengamatamba alo.

**EZABA BHALELI.**

NGENTLANGANISO ENTSHA.

NKOSI YAM,—Ndiva ukuba u Mr. J. Tunyiswa wase Mkangiso kwinqungu-tela yentlanganisio eyayikwa Lose, pantsi kwamahlali, ngomhla we 10 July 1890, ufake nelam igama ngokuti ndandiko apo; hai mna ndaqgibeh ' pantsi kwamahlali ngeyonyaka odluleyo okuya sanicela ukuba nibe ngapa nge pasc engqongqo, andiyazi lonto at ndingomnye ndandingeko kwelocobo Ewe, ndingowakwa Gaga, kodwa anda zani naye; ndawela ngo March lo 1890 ndawela ngokufa ndiselapa. Makangati xa ateta into ezibungozi afake amadoda lento andifaka kuyo nditi ukuyibizi mna ibuxoki. Yazini ukuba nditshi nimazise naye. Owako futi.

CIMEZILE NGWABINI,

Headman, Transkei, Toleni Post.

**ABALIMI NA BARWEBI.**

E QONCE, (Sept. 27.) Amatanga—1/8 to 4/6 ngedazini Amaqanda—6d to 8/d ngedazini Irasi eluhlaza,—2/ to 2/9 ngedazini Inkuku—1/3 to 1/9 inye Atmazimba—4/ ngekulu Umbona—3/11 to 4/5 ngekulu lhabile—1/4 to 6/9 ngekulu Itapile—4/ to 11/3 ngekulu Inqholowa—15/ ngekulu Lertyis—16/ ngenxhowa Inkuni—7/ to 41/ ngefllara

E KOMANI (Sept. 29.) Inkuni—46/ to 59/ ngefllara Irasi—1/ to 1/6 ngedazini Inkuku—1/3 inye lhabile—4/6 to 5/ ngekulu Umbona—7/6 ngenxhowa Itapile—8/6 to 12/6 ngenxhowa Isemile—4/6 ngenxhowa Umgubo—11/ ngekulu Amaqanda—1/ ngedazini

E RINI (Sept. 27.) Amaqanda—6d to 9d ngedazini Irasi—1/3 to 1/6 ngedazini Amatanga—1/6 to 8/6 ngedazini Inkuku—8d to 3/6 inye Inkuni—15/ to 40/ ngefllara Umbona—9/ to 9/6 ngenxhowa Umgubo—35/ to 36/ ngenxhowa Isemile—6/ to 6/6 ngenxhowa Itapile—12/6 to 13/3 ngekulu

**Native Opinion,**

THURSDAY, OCTOBER 2, 1890.

THE honourable the Secretary for Visit. Native Affairs is now in the Native Territories beyond the Kei, where he will travel until about the end of the current month. Mr. FAURE is a perfect stranger to this part of the Colony, the circumstances of which differ immensely from those to which he is accustomed in the Western districts. There, to begin with, they have not a settled Native population such as is largely to be met with in these districts; for the miserable specimens of demoralised humanity in the shape of the degraded Hottentots can scarcely be mentioned in the same breath with the poorly, lordly Bantu of these parts. Consequently a Western districts gentleman like the present Secretary for Native Affairs, born and bred in that remote quarter of the Colony in which the Paarl is situated, has a great deal to learn and unlearn respecting the Native when he comes in contact with them in the Eastern districts and the Territories. That Western districts Afrikanders very often speak of the Natives on information based on their knowledge of the Natives as they are to be found in divisions adjacent to themselves, has been painfully evidenced by certain gross assumptions in speeches when any proposals affecting Natives were placed before Parliament. Not that Mr. FAURE ranks among those who make random assertions in the House; for during the two sessions he has been in it, he has shown himself to be a member who possesses the ability to keep his tongue, and who does not dogmatize on matters in which he is not well informed, much less on Native affairs. It is a fortunate circumstance that he has thus started on his trip among the natives free from preconceived notions about the people whose affairs have been committed to his charge. Many people have woefully blundered in their dealings with Natives from a superficial knowledge of the feelings and wishes of the people with whom they had to do, and so made shipwreck of their own reputations and of the affairs they thus bungled. The Secretary for Native Affairs, having had no idea of ever being called upon to govern the Natives is in no danger of dropping into this pitfall. All that he requires now to qualify him to be ranked as the wisest administrator of the affairs of his department, is a capacity to weigh and sift the information that he will gather on the present tour of the Native districts concerning the people he is called upon to govern. He will find almost every person that he meets ready, nay anxious, to pose as an authority, desirous to

pour information into his ears about everything conceivable and inconceivable respecting the Natives. But, as a clear-headed gentleman, Mr. FAURE will know that it will be his duty to discount a great deal of the advice that will be volunteered to him ; and thus, as has been said, it will be requisite for him to exercise what abilities he has of separating wheat from chaff.

